

UFudo ufumene ikhaya lakhe



Maya Fowler

Katrin Coetzer

Damian Gibbs

UFudo ufumene ikhaya lakhe

Le ncwadi yeka







Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

UFudo ufumene ikhaya lakhe

(Tortoise finds his home)

Illustrated by Katrin Coetzer

Written by Maya Fowler

Designed by Damian Gibbs

Translated by Nal'ibali

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 28 June 2014.

ISBN: 978-1-928318-72-9

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

UFudo ufumene ikhaya lakhe



Maya Fowler

Katrin Coetzer

Damian Gibbs

Ngenye imini uFudo wayehamba-hamba ethafeni.
Wayekhanga-khangela efuna-funa. Waqwalasela
mgama, encine namehlo kuloo ngca.
Waza ke wadlula kuNkumba.

“Ingaba kukho into oyikhangelayo?”
wabuza uNkumba.

“Ewe Nkumba, ndikhangela indlu
yam. Ingaba ukhe wayibona?”
kubuza uFudo.



UNkumba wathi, “Hayi, andikhange ndiyibone, kodwa ndiza kukukhangelisa!”
Wakhwela ke kwiqokobhe likaFudo. UFudo wahamba ebeleke uNkumba emhlana.

Bakhangela bakhangela, kodwa kwakungekho nomncinci umkhondo wendlu yakhe. Ilanga lalisele lenyukele phezulu esibhakabhakeni.





Emva kwethutyana badlula kuNgqatyana.

“Ingaba kukho into eniyikhangelayo?”
wabuza uNgqatyana.

“Ewe Ngqatyana, ndikhangela indlu yam. Ingaba
ukhe wayibona?” wabuza uFudo.

UNgqatyana wathi, “Hayi, khange ndiyibone, kodwa
ndiza kunikhangelisa!”



Waphakuzelisa iimpiko zakhe, wabhabha,
wakhokela uNgqatyana.

“Kodwa ukhawuleza kakhulu kunam,” ukhalaze
watsho uFudo.

UNgqatyana wabuya kwa oko. “Kulungile ke, ndiza
kubelekeka ke nam.”



UFudo waqhubeka nohambo lwakhe, ebeleke
uNkumba noNgqatyana. Bakhangela bakhangela,
kodwa kwakungekho mkhondo wandlu. Ilanga
lalisele lithambeka ngoku.



Emva kwethutyana badlula kuBhantom. “Ingaba kukho into eniyikhangelayo?” wabuza uBhantom.

“Ewe Bhantom, ndikhangela indlu yam. Ingaba ukhe wayibona?” kubuza uFudo.



UBhantom wathi, “Hayi, khange ndiyibone,
kodwa ndiza kunikhangelisa!”

UBhantom watsibela emqolo kuFudo waza
ke uFudo waqhubeka nohambo, ebeleke
uNkumba, uNgqatyana noBhantom.

Bakhangela bakhangela, kodwa
kwakungekho mkhondo wandlu. Ngoku ke
kwakusele kuqalisa umoyana ohlabayo.

Emva kwexeshana badlula kuMpuku. Wayebekelela isangqa seentyatyambo.

“Ingaba kukho into eniyikhangelayo?” wabuza uMpuku.

“Ewe Mpuku, ndikhangela indlu yam. Ingaba ukhe wayibona?” kwabuza uFudo.

UMpuku wathi, “Hayi khangela ndiyibone, kodwa ndiza kunikhangelisa!”



Watsibela kumqolo woFudo naye.

UFudo waqhubeka nohambo lwakhe, ebeleke uNkumba, uNgqatyana, uBhantom, kunye noMpuku.

Bakhangela bakhangela, kodwa kwakungekho mkhondo wandlu. Umoya wawuphaphathekisa amagqabi aze ajikeleze ngasezinyaweni zikaFudo.





UFudo wafunyanwa kukudinwa. “Nina niyandisinda,” watsho ngesingqala.

Umoya waya uqina ngokuqina. Isibhakabhaka saguquka saba mnyama.

“Owu, ingaba iphi na indlu yam?” Kwavakala iindudumo ezindulini. Kwalenyeza imibane mgama. Chapha-chapha yaqalisa ukunetha imvula.

“Owu, ingaba iphi indlu yoFudo?” kwabuza uNkumba, uNgqatyana, uBhantom kunye noMpuku.

Umoya wavuthuza kakhulu.
Waphathhekisa uNkumba,
uNgqatyana, uBhantom kunye
noMpuku baya kuwa qelele.





Emva koko kwalandela isichotho, qhufu-
qhufu-qhufu. UFudo woyika kakhulu
kangangokuba wazisonga wangena
kwiqokobhe lakhe. Kwakushushu
kamnandi ke apho.

“Owu, nantsi ke indlu yam!” watsho uFudo.



“Owu, nantsi ke indlu kaFudo!”



